



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2017**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P1**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2 iiyure**



---

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU angala:  
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)  
ICANDELO B: Ushwankathelo (10)  
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:  
ICANDELO A: 50 imizuzu  
ICANDELO B: 30 imizuzu  
ICANDELO C: 40 imizuzu
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Fundisisa esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**IDABI LEMFUNDO**

1. Umhla nezolo iyavakala loo ntsholo yephulo lemfundo esimahla ivela isithi, “#FeesMustFall (# Phantsi ngemfundo ehlawulelwayo). Usaphulaphule leyo uyive loo ndimbane yomanyano lwabafundi imoya-mnye ivumela phezulu, kubethwa ngesingqi esinye kusithiwa “Asinavalo, asinavalo sisebenza kanzima!” Ngalo lonke elo xesha umkhwazo mnye isikhalo sinye sesokulwela imfundo engahlawulelwayo, imfundo eza kufikeleleka kubo bonke abemi beli lizwe, imfundo engakhethe sigwili nasilambi. Bathi le mfundo yayithenjiswa isizwe soMzantsi Afrika kwantlandlolo! Uninzi lwamaziko emfundo enomsila asavaliwe kuba umlisela nomthinjana ofunda kuwo uwavalile amasango kula maziko kuquka namagumbi okufundela. Kukhangeleka ngathi amasango namagumbi okufundela akayi kuvulwa, kude kube kuphunyezwa ukuzalekiswa kwesithembiso semfundo esimahla!
2. Mbambo zone kweli loMzantsi Afrika abantu bayahlomla ngalo mba, bambi bawuhla amahlongwane bevakalisa inkxaso yabo. Bakho ke nabo bawutyakatya ngezixeko zokuba abayazi le nto bayifunayo, badlala ngexesha labo kwaye abafuni kufunda. Owona mthamo uthe kratya, ngabo bazibandakanya nedabi lokulwela imfundo engahlawulelwayo kumaziko emfundo enomsila kulo lonke eli loMzantsi Afrika. Oku kuthetha ukuba abo bangaphesheya, bakuhlala besakha umkhanyo, bazuze ke kodwa nabo kwiziqhamo zeli dabi, bengalwanga. Okunye okuvelayo nokunika umdla yinkxaso yeemvaba yenkolo yobuKrestu, abazali, kunye namaqela ezopolitiko. Inkxaso yabo kweli phulo ibandakanya uphando nzulu ngendlela yokuphunyezwa kwemfundo engahlawulelwayo. Asinto intsha le kweli lizwekazi lethu le Afrika.
3. Esaphila umavula-kuvaliwe uMuammar Gaddafi waseLibya waphumeza imfundo esimahla kwilizwe lakowabo, wade wagqibela ngokukhupha inkuntyula yemali exhasa abantwana bomgquba welo lizwe, ukuze bakwazi ukuya kufunda kumaziko emfundo enomsila abalasele ngomgangatho omhle wemfundo kumazwe aphesheya. Simkhumbula kakuhle uvulindlela wenkokheli ephum’ imizandla uThomas Sankara waseBurkina Faso. Naye uthe ngoku sele ekhokela ilizwe elingenazimbiwa zingakanani, wenza uhlanga-hlengiso kwinkcitho enganyanzelekanga kumasebe karhulumente, kwizigqeba zombuso nakoomasipala ukuze loo mali ityalwe kwimfundo yabantwana belo lizwe lakowabo. Makaphume amagqiza oompondo-zihlanjiwe kuyiwe nakumazwe afana neJamani, neCuba kuphandwe ukuba loo mazwe enze njani na ukuze ayiphumeze imfundo engahlawulelwayo? Kuphononongwe ke kolo phando ukuba ingaphunyezwa okanye ingafumaneka kusini na loo mfundo ingahlawulelwanga apha eMzantsi Afrika.

4. Ithamsanqa lale mfundo ingahlawulelwayo ulubona kakuhle xa uqwalasele kumanani abantu abafumene uqeqesho kwezemfundo kuloo mazwe anemfundo engahlawulelwayo. Umzekelo amazwe afana neJamani neNetherlands aziwa ngokuba ngamazwe anabemi abafunde bonke. Nangona la mazwe anemfundo engahlawulelwayo, umgangatho wemfundo yawo usephezulu, kuba loo mfundo isetyenziswa ngabemi ekuphuculeni loo mazwe umhla nezolo. Sinye ke isicelo sam bantwana bomgquba, sinye isikhalo sam matsha-ntliziyo ezwe lakowethu! Ingathi kum eli dabi siliqale esiqwini, salibala ukuba nakumabanga asezantsi nditsho ezikolweni kukhutshwa iinkutyula zemali, ukuze abantwana bafumane imfundo esemgangathweni.
5. Khanizinike ithuba niye kwizikolo ezahlukeneyo kweli lizwe, nibone usizi nenkxwaleko afundela kuyo umntwana ontsundu, kwizikolo zethu ezilokishini, emaplasini nasemaphandleni. Uthelekise imeko yezo zikolo kunye neyezikolo zabucala eziya zazibizwa ngokuba ngooModel-C. Uyakuphawula umgangatho owahluke mpela. Ingxaki isekhona. Mhlawumbi eli lelinye idabi elisezayo nelimele kukulwelwa ngabantu bambi, ingengabo abafundi abakumaziko emfundo enomsila, kodwa ingathi kum kwakuthi ukuze kulunge, eli dabi singaliqali esiqwini, siliqale ezantsi ezikolweni. Kulwelwe umakufanwe, umakulinganwe, kwanokuxabiseka okungenamkhethe!

[Sicatshulwe kwi-I'solezwe, ibhalwe ngu *Xolani Mavela*: 29 Septemba 2016 Iphepha lesi- 9 saze sahlelwa]

### Jonga kumhlathi wokuqala

- 1.1.1 Yintoni le ibangela ingxolo kubafundi? (1)
- 1.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo: Igama elithi: 'Engahlawulelwanga' ngokomxholo walo mhlathi lithetha:
- A Intsholo.  
B Imoya-mnye.  
C Fele-fele.  
D Amasango. (1)
- 1.1.3 Caphula ngokuchanekileyo isivakalisi esinentsingiselo enye nale: 'Sifuna imfundo engenalucalu-calulo' (2)
- 1.1.4 Khetha igama libe linye elinentsingiselo enye neligama: KUDALA. (1)
- 1.1.5 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)
- 1.1.6 Aphuhlisa ntoni la magama abhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo. ... umkhwazo **mnye** isikhalo **sinye**. (1)

**Jonga kumhlathi wesibini**

- 1.1.7 Chaza injongo yokusetyenziswa kweli gama 'Mbambo zone'. (2)
- 1.1.8 Bhala isifanokuthi segama '**umba**'. (1)
- 1.1.9 Bayibonakalise njani inkxaso abazali kunye neemvaba zenkonzo. (2)

**Jonga kumhlathi wesithathu**

- 1.1.10 Nika amagama amabini eenkokheli ezaphumeza imfundo efelele. (2)
- 1.1.11 Xoxa banzi umbhali uzama ukuthini ngoMzantsi Afrika xa esithi: 'Ukhokele ilizwe elingenazimbiwa zingakanani wahlenga-hlengisa inkcitho kumasebe karhulumente'. (2)

**Jonga kumhlathi wesine**

- 1.1.12 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi idabi liqalwe esiqwini. (1)
- 1.1.13 Ngqina ukuba isiphumo semfundo engahlawulelwanga sasilungile. (2)

**Jonga kumhlathi wesihlanu**

- 1.1.14 Yintoni ebangela umahluko phakathi kwezindidi zezikolo zichazwa ngumbhali. (2)
- 1.1.15 Chonga izinto ezimbini ezililungelo le mfundo ezijongwe ngeliso elibanzi ngumbhali. (2)

**[24]**

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ithathwe kwi-Intanethi]

- 1.2.1 Lo mfanekiso ubonisa eyiphi indawo? (1)
- 1.2.2 Chaza umsebenzi walo mntu usemfanekisweni. Xhasa impendulo yakho ngokubona emfanekisweni. (2)
- 1.2.3 Ubonisa oluphi uvakalelo umntu osemfanekisweni. Xhasa impendulo yakho. (1)
- 1.2.4 Imithi nengca ejikeleze esi sakhiwo ichaza ntoni ngomnini ndawo. (2)
- [6]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2****ISICATSHULWA C**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathele unike iingcebiso zokonwabela ukwahluka kwakho. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

**IMIYALELO**

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma60-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelenayo ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

**BHIYOZELA UKWAHLUKA KWAKHO**

URalph Emerson wathi "Musa ukulandela apho indlela ikusa khona, endaweni yoko khetha indawo engenayo indlela ukuze ushiye umzila" Impumelelo ilele ekonwabeleni ukwahluka kwakho. Yonwabela ukuba nguwe, uzidle ngeyona ndlela eyakwenza ukuba ube ngumntu osoloko ekhululekile ngalo lonke ixesha. Ubomi bufuna umntu ozithembileyo, ozamkelayo neziphako zakhe, kuba akukho nzwana ingenasiphako.

Fumana eyona nto uyithandayo uze uyilandele. Cingisisa yintoni onokuyenza iiyure ungasinwa kwaye ungaphele mda? Ngokwenza njalo uzama ukukhangela olona bizo lwakho ebomini. Eyona nto ufuna ukuba yiyo okanye ibe ngumsebenzi wakho uye uyiqonde uselula. Liphupha lakho ke elo, lithande uzithembe kulo ulilandele ngalo lonke ixesha.

Xa sele uyifumene eyona nto uyithandayo, yikhathalele. Ibalulekile ke loo nto kuba xa ungayenziyo iza kufa. Into oyithandayo ifuna ukuncenkceshelwa njengesityalo ukuze ikhule. Ukuyondla kuthetha ukuzidibanisa neendawo nabantu abaza kuphuhlisa isiphiwo sakho.

Funa ulwazi oluphangaleleyo ngale nto uyithandayo. Ulwazi luvula ingqondo yakho, khumbula ulwazi oluncinci luyingozi. Funda wongeze ulwazi ngakumbi ukuze unqandwe ziinkwenkwezi kwiphupha lakho.

Thatha imingcipheko kuba akusoze tu ukwazi ukuhlahla indlela yakho ngaphandle kwayo. Xa kungekho mingcipheko apho ukhoyo, yazi mhlophe ukuba umvuzo uza kuba mncinane kakhulu.

Yiba nomonde. Zingisa kanye kwisiphiwo sakho. Umzingisi akanashwa, musa ukuphila ubomi obungaphantsi kobu ubudalelweyo. Bulela ukuphila, nokuba nguwe hayi omnye umntu. UYehova usidale sohluka ngenjongo Yakhe. Libalulekile ixesha lokuthi enkosi kubomi esibuphilayo.

[Icatshulwe kwiBONA magazini, Septemba 2016; Iphepha 60 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3****ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISIPHELISI ASIDI NGOPHANYAZO**

Ayisetyenziswa ngabantwana abaselula.

[Ithathwe kwi-Intanethi [www.eno.co.za](http://www.eno.co.za) yaze yahlelwa]

- 3.1 Yeyiphi le mveliso ithengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.2 Chonga ngokupheleleyo isilogani sesi sibhengezo-ntengiso. (2)
- 3.3 Yinyani OKANYE Bubuxoki: Usana olune asidi eninzi nolukhathazwa sisisu i-Eno ingaluncedo. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.4 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwemifanekiso emibini kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)
- 3.5 Xa ufuna ukuqhangamshelana nabakwa Eno ungasebenzisa eliphi ikhasi lonxibelelwano. (1)
- 3.6 Loluphi uvakalelo oluboniswa bubuso bomntu osemfanekisweni. (1)
- 3.7 Khetha umsebenzi wegama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

Isebenza **ngephanyazo** kwiimpawo zesitshisa.


- A Kukuchaza isibizo.
- B Kukucacisa isibizo
- C Kukuchaza isenzi.
- D Kukucacisa isenzi.

(1)  
**[10]**

**UMBUZO 4**

**IKHATHUNI**

Funda le khathuni ilandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.



4.1 Bhala ngokupheleleyo isifinyezi esikwiQam-1 (1)

4.2 Amazwi wesithethi esikwiQam-2 'Mfxim' aqulathe injongo enjani? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

- A Uyambulela.
- B Uyamthanda.
- C Udikiwe.
- D Uyamkhonza.

(1)

- 4.3 Loluphi uvakalelo oluvezwa sisithethi esikwiQam-2 ngokulahla izandla xa sithetha. (2)
- 4.4 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo elandulayo. Kunjalo nje. (2)
- 4.5 Ngawaphi amazwi angakulukuhlela ukuba ucinge ngoqhankqalazo. (2)
- 4.6 Chonga isiyaleli esisetyenziswe kwiQam-5. (1)
- 4.7 Nika umhla ebhalwe ngayo le khathuni. (1)
- [10]**

**UMBUZO 5****ISICATSHULWA D: IPROZI**

5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Umhloli omtsha uye waduma ngokuzibhaqa iititshala ezingawenziyo umsebenzi wazo. Kwakusithiwa imoto uyishiya ezindongeni kude nesikolo. Kukodwa ukuza echola-chola amalongwe ngengxowa, ayithi **nyenge** kude kufuphi nendlu yesikolo, atsho phakathi. Yavakala enye ititshala isithi “Mhla wafika kwesam isikolo loo mhloli uya kukholwa yeyokosa. Ndazalwa ebusika mna”, wagaleleka umhloli engabhungisanga. Uthe engena wabe efuna idrili, yayalela ititshala ebantwaneni ngomyalelo wesiNgesi.

**Lanqum’inqatha!** abantwana bayana ngamehlo! Yaqala ke inkathazo, kwacaca mhlophe ukuba abantwana abafundiswanga ngendlela eyiyo. Umhloli wathinta isikhohlela, wakhupha itshefu, wabangathi uzosula ubuso, wabe ephelile yintsini. Wasondela kutitshala, wathethela phantsi ekhalaza ngobuxelegu abubone kulo msebenzi wayo. Waqukumbela ngokuthi akayithandi nale yokuxutywa kwesiXhosa nesiNgesi.

[Icatshulwe kwincwadi ka-A.C.Jordan, Kwezo *Mpindo ZeTsitsa*, Iphepha 4 saze sahlelwa]

- 5.1.1 hetha isibizo esikwi**SINYE** kwesi sivakalisi singezantsi:  
Uye waduma ngokuzibhaqa iititshala ezingawenziyo umsebenzi wazo. (1)
- 5.1.2 Sakhi sini esi sibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.  
Ufikile **Umhloli** omtsha esikolweni. (1)
- 5.1.3 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwisininzi.  
Uthe engena wabe efuna idrili. (2)
- 5.1.4 Khetha isichazi kwesi sivakalisi singezantsi unike nodidi lwaso.  
Kwacaca mhlophe ukuba abantwana abafundiswanga. (2)
- 5.1.5 Khetha isithetha-ntonye seli gama **INKATHAZO** kula alandelayo.  
A Inkalo.  
B Inkuthazo.  
C Ingxaki.  
D Inkangeleko. (1)
- 5.1.6 Nika intsingiselo yala magama abhalwe ngqindilili akwiscatshulwa esingentla. (2)
- 5.1.7 Sebenzisa eli gama **UMHLOLI** libe si**SENZI** esikwi**XESHA** elidlulileyo, wandule usifake kwisivakalisi ngokuchanekileyo. (3)
- 5.1.8 Lungisa iziphene zobhalo kwesi sivakalisi singezantsi.  
wabasengxakini utitshala. (2)

**[14]**

## ISICATSHULWA E: UMFANEKISO

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



5.2.1 Chaza izigaba zentetho zala magama abhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi.

**Namhlanje** ndithiwe **jize** ngesatifikethi. (2)

5.2.2 Xela umsebenzi wesimamva esikwigama elinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

Umfana uphethe isatifikethi. (1)

5.2.3 Khetha isihlanganisi esichanekileyo kwizibiyeli ukuze uhlanganise izivakalisi ezingezantsi. (ukuba/ukuze)

Cwangcisa ikamva lakho. Ube ngumntu onempumelelo. (1)

5.2.4 Chonga isimelabizo kwesi sivakalisi singezantsi uchaze nodidi lwaso.

Bancume bonke babonakalisa ulonwabo. (2)

**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**

**EWONKE AMANQAKU: 80**